Publication: Isolezwe LesiXhosa
Date: Thursday, March 08, 2018
Page: 7



INkulumbuso Phumulo Masualle



UNkosi Nzululwazi Sigcau wamaMpondo eNtabankulu ecaleni kwakhe nguNkosi Landubuzwe Ngwekazi wamaBhele eNgqushwa

# Masualle: Sincediseni koonocambalala

SIYABULELA MQIKELA

INKULUMBUSO yephondo leMpuma Koloni uPhumulo Masualle ubongoze iiNkosi zeli phondo ukuba zincedise urhulumente ukulwa ingxaki yabasebenzi beExpanded Public Works Program bohlukane nokulala ecaleni kwendlela endaweni yokwenza umsebenzi.

Le nkqubo (EPWP) idale amathuba emisebenzi yethutyana eqikelelwa kwizigidi ezithandathu kuzwelonke phakathi konyaka ka2014-2017.

"Siyacela kubantwana begazi, iiNkosi ukuba zisincedise ukulwa le ngxaki yaba basebenzi bethutyana bakarhulumente basebenza apha ecaleni kwendlela, bayacambalala bengawenzi umsebenzi wabo, sincediseni ukubakukhumbuza ngomsebenzi wabo," uthethe watsho uMasualle.

Le nkulumbuso ithethe oku ngethuba isenza intetho ephambili kumsitho wokuvulwa ngokusesikweni kwendlu yeeNkosi eBhisho.

"NjengeeNkosi ninoxanduva lokuqinisekisa ukuba kwiindawo zenu eziphantsi kolawulo lwenu ezi nkqubo zeEPWP ziqhuba kakuhle, akukho bantu balalayo endaweni yokwenza umsebenzi," utshilo uMasualle.

Le Nkulumbuso ikwasebenzise eli thuba ivakalisa inkxalabo yayo ngeenzame zabo zokudala amathuba emisebenzi ezingazalisekiyo.

"Kukho ukudodobala kokukhula koqoqosho lwephondo leMpuma Koloni, oku kwenza ukuba singakwazi kudala amathuba emisebenzi esinqwenela ukuwenza, siyacela kubantwana beeNkosi ukuba bangenelele, bancedisane namaphulo ophuhliso kwiindawo zenu," utshilo uMasualle.

IKumkani yesizwe samaXhosa uZwelonke Sigcawu kunyaka ophelileyo ubongoze iiNkosi zesizwe sakhe ukuba zilwe nengxaki ezibangela ukulibaziseka kophuhliso kwiindawo zazo.

"Amabango obukhosi, iingxaki eziphakathi kweeNkosi nooceba nezinye zibangela ukuba uphuhliso lungahambi, litsho libetheke okanye libesemva iphondo lethu," watsho uSigcawu.

Lo kaMasualle ukwaxelele ezi Nkosi ukuba ukuphuma kwabantu beli phondo besiya kumanye amaphondo kubangela ukwehla kwesixamali esingena kweli phondo sivela kuzwelonke.

"Abantu beli phondo bayahamba, baye kwamanye amaphondo, oku konke kubangela ukwehla kwemali esuka kwingxowa kazwelonke ukuza eMpuma Koloni, masisebenzisane ukuxhasa uphuhliso lokubamba abantu kweli phondo,"utshilo.



UNkosi Ray Van Staden wamaQoyi

UMasualle uthi urhulumente uyagxekwa ngenxa yokubonakala kwabasebenzi beEPWP belele ecaleni kwendlela, umthetho olawula abasebenzi kweli ugunyazisa ukuba ubani athathe ikhefu ngentsimbi yeshumi, ukuze ngentsimbi yokuqala badle isidlo sasemini.

Umsitho wokuvulwa kweNdlu yeeNkosi bufudunyezwe bubukho beeKumkani eziquka uZwelonke Sigcawu wamaXhosa, Dalimvula Mathanzima wabaThembu baseRhoda, Azenathi Dalindyebo wabaThembu, Ndamase Ndamase wamaMpondo aseNyandeni.

Inkqubo yeEPWP inika amathuba engqesho yethutyana kwabo baphuma ezikolweni zemfundo ephakamileyo abangafumani misebenzi, ulutsha nabo bahleli emakhaya bengenazo izakhono zokufumana ingqesho.

This material has been copied under a Dalro licence and is not for resale or retransmission.